## ICANDELO A: IZINCOKO

### UMBUZO 1

1.1 Bhala isincoko esiya kuphela ngamazwi athi"Ndazinceda ngokumamela xa ndinqandwa."

Umfundi angachankcatha kwezi ngongoma zilandelayo:-

- Umfundi angabhala isincoko esichazayo okanye esibalisayo.
- Axele ngokwakusenzeka ukuze abe uthetha la mazwi.
- Ebenqandwa esenza ntoni? Kumncede njani ukumamela?
- Xa ebalisa uya kusebenzisa ixesha elidlulileyo.

(Naziphi izimvo ezisemxholweni ezinokuza nomfundi ziya kwamkeleka.) **[20]**

1.2 Amangomso asa esihogweni.

Umfundi angachankcatha kwezi ngongoma zilandelayo:-

- Umfundi angabhala isincoko esibalisayo /esichazayo.
- Angabhala anike intsingiselo ethe ngqo okanye efihlakeleyo.
- Umfundi xa enika intsingiselo efihlakeleyo makabe uyayazi intsingiselo yesaci.

(Naziphi izimvo ezisemxholweni ezinokuza nomfundi ziya kwamkeleka.) **[20]**

1.3 Ukubaluleka kothando lomzali.

- Umfundi kulindeleke abhale isincoko abonise oku kubaluleka komzali.
- Anganyathela kumzali ebonisa olu thando ngamaxesha onke emntwaneni wakhe, emxolela onile, emkhuthaza ukuba aphumelele.
- Efikeleleka emntwaneni wakhe / ebantwaneni bakhe.
- Angabalisa ibali ebonisa ukubaluleka kothando lomzali.

(Naziphi izimvo ezisemxholweni ezinokuza nomfundi ziya kwamkeleka) **[20]**

1.4 Ubomi esinobuphila xa kunokuphela ulwaphulo – mthetho.

Kulindeleke umfundi achankcathe kwezi ngongoma zilandelayo:-

- Abhale isincoko esinocamngco abonise ubomi obungenaloyiko lolwaphulo-mthetho.
- Abantu bengoyiki kutsotswa okanye koxuthelwa izinto zabo.
- Amaxhegwazana engenaloyiko lokuvingcelwa ngootsotsi.
- Abazali bengoyikiseli ukuba abantwana babo baza kubiwa okanye balahleke.

(Naziphi izimvo ezisemxholweni ezinokuza nomfundi ziya kwamkeleka.) **[20]**

1.5 Sonke sinoxanduva lokulondoloza indalo.

- Makabonise uluntu lonke ukuba ludlala indima ekulondolozeni indalo.
- Kubekho imithetho nezohlwayo zabo babonwa bengcolisa indalo.
- Ukutshiswa kwamadlelo iluxanduva lwabantu ukuqinisekisa oko akwenzeki.
- Abazali babafundise abantwana ngokulondoloza indalo.

(Naziphi izimvo ezisemxholweni ezinokuza nomfundi ziyakwamkeleka.) **[20]**

1.6.1 Kulindeleke umfundi abhale isincoko etolika oko akubona emfanekisweni.

- Angabhala naluphi udidi lwesincoko.
- Kulindeleke anike isincoko sakhe isihloko esifanelekileyo etolika okusemfanekisweni.
- Umzekelo wezihloko ezinokuza nabafundi:- Ukubaluleka kokuvota / Imini yovoto/ Urhulumente wabantu.

(Naziphi izimvo ezisemxholweni ezinokuza nomfundi ziyakwamkeleka.) **[20]**

1.6.2 Kulindeleke umfundi abhale isincoko etolika oko akubona emfanekisweni.

- Angabhala naluphi udidi lwesincoko.
- Kulindeleke anike isincoko sakhe isihloko esifanelekileyo etolika okusemfanekisweni.
- Imizekelo yezihloko: Izandla ziyahlambana / Impumelelo iza nzima / intsebenziswano / Ekunyamezeleni kukho umvuzo.

(Naziphi izimvo ezisemxholweni ezinokuza nomfundi ziyakwameleka.) **[20]**

**AMANQAKU ECANDELO 20**

## ICANDELO B: IMIHLATHI

### 2.1 ILETA YOMBULELO

- Idilesi enye yombhali weleta.
- Idilesi mayibe nomhla obhalwe ngesiXhosa wokubhalwa kweleta. Umz. 29 KweyoMnga 2019/ 29 Disemba 2019
- Isibuliso esichanekileyo. Siviwe endimthandayo
- Intshayelelo- iveze isizathu okanye unobangela wokubhala ileta.
- Isiqu sahlula-hlulwe ngokwemihlathi sinabisa oko bekuvele kwintshayelelo.
- Umhlathi oqukumbelayo.
- Isiphelo esichanekileyo. Umhlobo wakho
  Sisipho **[10]**

### 2.2 INGXOXO YABABINI

- Imo / ifomathi yengxoxo.
- Ibe nentshayelelo (yenziwa ngoobani? Beyenzela phi? Imalunga nantoni?)
- Abalinganiswa/ amagama wabantu abenza ingxoxo abhalwa **kwicala lasekhohlo** alandelwe **yikholon**.
- Yahlula ingxoxo ngokushiya umgca phakathi kwentetho yezithethi.
- Zifake kwizibiyeli izinto ezenziwa zizithethi. Umzekelo (enomsindo)
- Iqukunjelwe ngokufanelekileyo ingxoxo.

**[10]**

### 2.3 ILETA EKHAPHAYO NESIVI

- **Ileta ekhaphayo** ifomathi yeyeleta esesikweni.
- Iidilesi ezimbini, eyombhali inomhla, eyendawo abhalela kuyo inomntu ambhalelayo.
- Isibuliso esichanekileyo. Mhlekazi obekekileyo
- Umcimbi. ISICELO SOMSEBENZI angakrweleli xa ebhale ngoonobumba abakhulu. <u>Isicelo somsebenzi</u> akrwelele ukuba bancinci oonobumba bakhe.
- Intshayelelo aveze unobangela /isizathu sokubhala ileta.
- Isiqu asahlula-hlule ngokwemihlathi. Umhlathi oqukumbelayo.
- Isiphelo esichanekileyo.

**KwiSIVI** makuvele oku kulandelayo:
- Iinkcukacha ngaye.
- Imfundo.
- Iindawo aphangele kuzo
- Ezinye izinto ezibalulekileyo ngaye.
- Amava omsebenzi ukuba unawo.
- Abantu abanokunika bungqina ngaye. **[10]**

2.4 **INTETHO**

- Afakela iimpawu zocaphulo ekuqaleni nasekupheleni kwentetho.
- Intshayelelo mayifaneleke; umzekelo, kubuliswe abantu abakhoyo bakrotyiswe nasemxholweni.
- Ithoni, nerejista ilungele injongo nohlobo lwentetho.
- Umxholo mawube malunga nokubulela nokunqwenelela okuhle utitshala wenu ebenifundisa isiXhosa.
- Bagcine benomdla abaphulaphuli.
- Yiqukumbele ngendlela efanelekileyo intetho. **[10]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 10**
**AMANQAKU EWONKE: 30**

## ICANDELO A: IZINCOKO – IRUBRIKI YOKUMAKISHA ISINCOKO

| Imiqathango | Egqwesileyo<br>8-10 | Enobuchule<br>6-7 | Eyanelisayo<br>4-5 | Engaphumelelanga<br>0-3 |
|---|---|---|---|---|
| **UMXHOLO NOCWANGCISO**<br><br>**10** | -Impendulo yomfundi igqwesile.<br><br>-Isincoko sicwangciswe ngokugqwesileyo.<br><br>-Impendulo elungelelaniswe ngokugqwesileyo enothungelelwano ukuquka intshayelelo,isiqu nesiphelo. | -Impendulo yomfundi inobuchule<br><br>-Isincoko sicwangciswe ngobuchule.<br>-Izimvo zihambelana gingci nomxholo.<br><br>-Ilungelelaniswe kakuhle kwaye iyathungelana ukuquka intshayelelo,isiqu nesiphelo. | -Impendulo eyanelisayo.<br>-Izimvo ziyathungelana ngukusemxholweni.<br><br>Ucwangciso lukhona kodwa lunamakhwiniba.<br><br>-Ilungelelaniswe kwaye iyathungelana kuquka intshayelelo,isiqu nesiphelo. | -Impendulo ayikho semxholweni ngokupheleleyo.<br><br>-Izimvo azicacanga kakuhle.<br>- Ucwangciso lukhona kodwa lubhetyebhetye.<br><br>-Buncinci ubungqina bolungelelwano nothungelwano lweengcamango. |
| **ULWIMI ISIMBO NOKUHLELA**<br><br>**6** | **5-6** | **4** | **3** | **0 -2** |
| | -Ulwimi lugqwesile.<br><br>- Luyachukumisa ngokugqwesileyo.<br><br>-Ithoni idlwengula umxhelo.<br><br>-Phantse kungabikho nasinye isiphene segrama nopelo. | -Ulwimi luchanekile.<br><br>- Ithoni ifanelekileyo kwaye izinzile.<br><br>-Ubukhulu becala akukho ziphene kwigrama nopelo. | -Ulwimi lusetyenziswe ngokufanelekileyo ukudlulisa umyalezo.<br><br>-Ithoni ifanelekile.<br><br>-Iziphene zikhona kodwa azibaxekanga. | -Ulwimi lusetyenziswe ngendlela ebuthathaka.<br><br>-Ithoni nochongo magama azifanelekanga.<br>-Isigama sinqongophele kakhulu |
| | | | | |
| **ISAKHIWO**<br><br>4 | 4 | 3 | 2 | 0-1 |
| | -Isincoko sikhuliswe ngokugqwesileyo.<br><br>-Izivakalisi ,imihlathi zakhiwe ngokugqwesileyo | - Iinkcukacha ziyathungelana.<br><br>- Ukwakhiwa kwezivakalisi nemihlathi kuyahambelana kwahluka-hlukene. | -Izivakalisi, imihlathi zakhiwe kakuhle. | -Izivakalisi nemihlathi zineemposiso. |

## ICANDELO B: IMIHLATHI

## IRUBRIKI YOKUMAKISHA IMIHLATHI

| Imiqathango | Egqwesileyo<br>5-6 | Enobuchule<br>4 | Eyanelisayo<br>3 | Engaphumelelanga<br>0-2 |
|---|---|---|---|---|
| **UMXHOLO NOCWANGCISO NEFOMATHI**<br><br>6 | -Impendulo yomfundi igqwesile,inomtsalane.<br><br>-Ulwazi olunzulu ngeempawu zohlobo lomhlathi obhaliweyo lugqwesile.<br><br>-Icaciswe ngokugqwesileyo kwaye zonke iinkcukacha ziyasixhasa isihloko.<br><br>-Ifomathi yamkelekile kwaye igqwesile. | -Impendulo yomfundi inobuchule.<br><br>-Ubhalo lusemxholweni.<br><br>-Ukuthungelana komxholo nezimvo kucaciswe kakuhle kwaye neenkcukacha zixhasa isihloko.<br><br>-Ifomathi yamkelekile kwaye inobuchule. | -Impendulo eyanelisayo ebonisa ulwazi olululo ngeempawu zodidi lomhlathi.<br><br>-Ayikho semxholweni ngokupheleleyo.<br><br>-Ubukhulu becala ifomathi ifanelekile kodwa kukho iziphene ezingephi. | -Kubonakala ubunzima malunga nolwazi lweempawu zolu didi lwetekisi.<br><br>-Zimbalwa iinkcukacha ezixhasa isihloko.<br><br>-Imigaqo engundoqo yefomathi ityeshelwe. |
| **ULWIMI ISIMBO NOKUHLELA** | **4** | **3** | **2** | **0-1** |
| **4** | -Ulwimi lugqwesile.<br><br>-Luyachukumisa ngokugqwesileyo.<br><br>-Ithoni idlwengula umxhelo.<br><br>-Phantse kungabikho nasinye isiphene segrama nopelo. | -Ulwimi luchanekile kwaye ithoni isetyenziswe ngokufanelekileyo, ngokuchanekileyo nangokuzinzileyo.<br><br>-Ubukhulu becala akukho ziphene kwigrama nopelo.<br>- | -Ulwimi lusetyenziswe ngokufanelekileyo ukudlulisa umyalezo.<br><br>-Ithoni ifanelekile.<br><br>-Isigama esaneleyo.<br><br>-Iziphene aziyichaphazeli intsingiselo. | -Ulwimi lusetyenziswe ngendlela ebuthathaka.<br><br>-ukusetyenziswa kolwimi ngokungachanekanga kubangela iziphene ezibaxekileyo.<br><br>- Intsingiselo ilahlekile. |

<table>
<tr><th>IMIQATHANGO</th><th>AMANQAKU</th><th colspan="3">ISIKHOKELO SOLWABIWO LWAMANQAKU</th></tr>
<tr><td rowspan="3">A. UMXHOLO UCWANGCISO NEFOMATHI<br>B. ULWIMI,ISIMBO SOKUBHALA NOKUHLELA</td><td rowspan="3">6<br>4</td><td>A.</td><td>B.</td><td>EWONKE</td></tr>
<tr><td>0-6</td><td>0-4</td><td></td></tr>
<tr><td>6</td><td>4</td><td>10</td></tr>
<tr><td>Amanqaku ewonke</td><td>10</td><td colspan="3"></td></tr>
</table>

Akuvumelekanga ukufotokopa eli phepha